



# basic education

Department:  
Basic Education  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

## NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NOVEMBA 2014

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha ama-5.

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

ICANDELO A: Isincoko: (50)

ICANDELO B: Imihlathi: (25 x 2) (50)

**QAPHELA:** Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule imibuzo emiBINI kweli candelo.

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngesiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.

4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale isincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-80

ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-35 x 2

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**ICANDELO A: IZINCOKO****UMBUZO 1**

Khetha isincoko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340–390 kwisincoko ngasinye.

- 1.1 Aphela emqaleni ngaloo mini. **[50]**
- 1.2 Into oyisebenzisa ngokugqithisileyo iba nobungozi. **[50]**
- 1.3 Ilungelo lihamba noxanduva. **[50]**
- 1.4 Umthathi uyawuzala umlotha. **[50]**
- 1.5 Ayizizo zonke izikolo ezingamaziko emfundo. **[50]**
- 1.6 Ukuxhatshazwa kweenkondekazi neemveku. **[50]**
- 1.7 Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1



[Ucatshulwe kwi-intanethi [www.iol.co.za](http://www.iol.co.za)]

**[50]**

1.7.2



Ucatshulwe kwi-intanethi [www.iol.co.za](http://www.iol.co.za)

[50]

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

**ICANDELO B: IMIHLATHI****UMBUZO 2**

Phendula imibuzo ibe MIBINI kweli candelo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela) ngomhlathi ngamnye.

**2.1 ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umhlobo wakho ileta uvuyisana naye ngeembasa athe wazifumana. **[25]**

**2.2 I-OBHITSHUWARI**

Bhala i-obhitshuwari. **[25]**

**2.3 IRIVYU**

Bhala irivyu yefilim. **[25]**

**2.4 I-AJENDA NEMIZUZU**

Bhala i-ajenda nemizuzu yentlanganiso yequmrhu labafundi kwisikolo sakho. **[25]**

**2.5 UDLIWANO-NDLEBE**

Bhala udliwano-ndlebe phakathi komfundi owenza ibanga leshumi elinambini nomfundi ogqibezelayo eYunivesithi. **[25]**

**2.6 INTETHO ESESIKWENI**

Bhala intetho esesikweni. **[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 50**  
**AMANQAKU EWONKE: 100**